INkampani yoBugcisa oBudlalwayo yaKwaZulu-Natala eyabhengezwa ngokwecandelo lesi-3(1) loMthetho wamaZiko eNkcubeko, 1998 (uMthetho we-119 ka-1998) ngowoku-01 kuTshazimpuzi ngo-2003 PO Box 5353, DURBAN, 4000, 29 Acutt Street, DURBAN, 4001, KwaZulu-Natal, South Africa Umnxeba: (031) 3699555, Ifeksi: (031) 306 2166, Iinkonzo zemveliso Mayville, Umnxeba (031) 208 4171 Ifeksi: (031) 208 4162; http://www.playhousecompany.com

I-PLAYHOUSE COMPANY
ISIMEMO SEZICELO ZENTSEBENZISWANO: ULAWULO LWEZAKHIWO – ISALATHISI PHC 59/2019

UKUTYUNJWA KOMNIKI WENKONZO YOBUCHULE OZA KUNIKA INKONZO YOLAWULO LWEZAKHIWO ZASE-PLAYHOUSE COMPANY ISITHUBA SEMINYAKA EMITHATHU (3)

I-Playhouse Company liZiko leNkcubeko elibhaliswe phantsi kweCandelo lesi-3(1) loMthetho wamaZiko eNkcubeko, 1988, ukuze ikhuthaze ubugcisa nenkcubeko KwaZulu-Natala.

Umsebenzi oza kwenziwa uquka phakathi kwezinye izinto oku kulandelayo*:*

- Ukuphononongа imeko yazo zonke izakhiwo zasePlayhouse Company khon'ukuze kufunyaniswe ubume bazo yaye kuphononononongwe ngokugqibeleleyo iimfuno zazo zokulungiswa;
- Ukuvelisa izicwangciso zokulungisa izakhiwo zasePlayhouse, kuquka kokubini ezokulungisa okucwangcisiweyo nezoko kungacwangciswanga. Izicwangciso zokulungisa izakhiwo kuya kufuneka zisekelwe kwiziphumo zophononongo lwemeko yezakhiwo olwenziweyo;
- Ukuvelisa izicwangciso zobudala besakhiwo sasePlayhouse ngasinye;
- Ukuvelisa isicwangciso esinabileyo senkonzo yolawulo lwezakhiwo kunye nokusimilisela ngexesha lesivumelwano;
- Nokunik'ingxelo yanyanga zonke yeenkonzo zolawulo lwezakhiwo emayelana nenkqubela yokumiliselwa kwezicwangciso ezivelisiweyo kunye nemicimbi yezemali.

Izinto ezifunekayo kwabo baza kufaka izicelo zezi zidweliswe apha ngezantsi:
• Ukubhaliswa kuVimba oyiNtloko weenkcukacha zaBaniki-nkonzo kaNondyebo kaZwelonke (C.S.D);
• Isiqinisekiso sokuhlawula irhafu esingakhutshelwanga nesisemthethweni okanye iPIN ekhutshwe ngabakwaSARS zizinto ekunyanzelekileyo ukuba zibe khona;
• Iingxelo zemali ezisandul'ukuphicothwa zeminyaka emi-3 egqithileyo
• Ukuzalisa nokutyikitya uxwebhu lwesiniki-maxabiso.

Iziniki-maxabiso ziza kuphononongwa ngokujonga umsebenzi nangenkqubo yamanqaku ye-80/20 ngokungqinelana noMthetho weNkqubo-sikhokelo weMigaqo-nkqubo, 2000 (uMthetho wesi-5 ka-2000).

Amaxwebhu eziniki-maxabiso afumaneka kwiOfisi eyiNtloko yasePlayhouse Company ezinze ku-29 Acutt Street ukususela ngentsimbi ye-10h00 ngomhla wama-**24 kuCanzibe ngo-2019.** Kuhlawulwa umrhumo ongabuyiswayo wemali eziinkozo ongama-R 350 kuMnu. Sudesh Harilal ongatsalelwa kulo mnxeba (9443) xa ufuna ukufumana uxwebhu lwesiniki-maxabiso.

Kuza kubanjwa intlanganiso enyanzelekileyo yokuhlola isiza ngomhla wama-**31 kuCanzibe ngo-2019 ngentsimbi ye-10h00 kusasa** ePlayhouse Company, 231 Anton Lembede Street, Durban kwigumbi iAlhambra.

Umhla wokuvalwa kokungeniswa kwezicelo ngowama-**24 kweyeSilimela ngo-2019 ngentsimbi ye-11h00 ngentlazane.** Izicelo ezifike emva kwexesha azisayi kwamkelwa. Izicelo mazifakwe kwimvulophu/kwipakethe etywiniweyo zize zibhalwe ngokucacileyo ukuba ziya kwiNgqonyela yasePlayhouse Company, 29 Acutt Street, Durban 4001.

*Xa unemibuzo nceda uqhagamshelane no*Mnu. Siya Manqele kule nombolo yomnxeba: 031- 369 9507 okanye kule dilesi ye-imeyili accountingassistant@playhousecompany.com